

Ngantsasa ithile yangoMgqibelo neyayishushu kamnandi, uMnu noNkskz Madiswa bathatha isigqibo sokukhuphela uSam noZinzi elwandle. Baye bamema abahlobo babo, usapho lakwa-Ibrahim, ukuba bahambe kunye nabo. Bapakisha izidlo ezimnandi, izidlo ezisempilweni, neembodlela zamanzi, bazifaka ebhaskithini. UMnu Ibrahim wapakasha ezinye zeepayi zakhe ezikhethekeliyo ezilingene umntu wonke. "Thwalani iminqwazi yenu yelanga ninxibe izihlangu zenu zelanga, ningalibali ukuphatha izikhuseli-langa zenu, amabhakethi nemihlakulo yenu!" Watsho uNkskzMadiswa.

Ezo ntsapho zimbini zaya kwindlela enguhola ze uNkskz Ibrahim wamisa iteksi. Iteki yemisa ze baqabela bonke. Uhambo oluya elwandle lwabalude de u-Ali wasindwa bubuthongo walala.

Bakufika elwandle, bafika bondlala iitawuli zabo esantini entushuntushu ebugolide. "Kutheni singokhi inqaba ngesanti nje?" Wabuza uSam. Abantwana baqalisa ngokuvunduzisa isanti ngemihlakulo yabo. U-Ali notata wakhe baqokelela amaqokobhe oonokrwece nokhula lwaselwandle ukwenza imihombiso. Batsho ngenjani ukubantle inqaba! Abantwana babhala amagama abo ngeminwe esantini ecaleni kwenqaba leyo.

Emva kwaloo msebenzi unzima, baziva bediniwe. "Lixesha lokuba siphumle, wonke umntu. Masihambeni siyokudada," watsho uMnu Ibrahim. Amanzi ayebanda kodwa edlamkisa, ze kwathi ngokukhawuleza abo bahlobo bane babe sele besehla besenyuka namaza. UZinzi noMusa bakhwaza bebala ngeli xa amaza ezakhayo ukuza kubo: i-1,2,3,4 ! "Owu...amanzi anetyuwa angene ezimpumlweni zam", wahleka u-Ali.

UNkskz Ibrahim weza ekupheleni kwamanzi lawo. "Anilambanga?" Wabuza

watsho. Abantwana bazomisa ze bahlala phantsi ukuba bonwabele ipikiniki yabo. Kanye xa baqalayo ukutya, kwasabalaka iliza elikhulu phambi kwabo aza amanzi aqukuqela ukuza ngakubo. Hayi bo! Iliza elikhulu layogquma inqaba yabo ze layikhukhulisa yemka. Kwakungasalanga nesirhezu kwinqaba yesanti yabo entle kunene! USam waqalisa wantlimpinika ebininika. "Ningevi kakubi bantwanana. Sisengaphinda sakhe enye inqaba xa siphinda sisiza elwandle", watsho uMnu Madiswa.

Njengokuba ilanga laliselisingise ekutshoneni nje, bapakisha amabhakethi abo, imihlakulo neetawuli zabo bazifaka ebhaskithini. Bathatha zonke izinto zabo eziyinkunkuma bazinika uNkskz Ibrahim ukuba azifake emggomeni.

Iteki yabo yasele ibalindile. Ngamnye kubo wathatha isihlalo sakhe, kwezazifudunyezwe kamnandi lilanga. Babeyiva ityuwa yaselwandle ibarhwexa nesanti phakathi kweenzwane zabo. Abantwana bavalelisa ilwandle belibhayibhayisa bewangawangisa ngezadla. Olunjani lona ukuzala lulonwabo usuku!

Eso ke sisiphelo sebali.

